hambi kwabo bantwana; zona intsapo ese zikwezama Ngesi incwadi abatelekisi bancomile kakulu.

Zakupana ngoluhlobo izikolo—Esibe yintloko sesase Gillton abantwana 12 abazuze amabaso.

2Kwalandela esase Macfarlan abantwana ba 8 abazuze amabaso.

3 Kwalandela esase Kwezana abantwana ba 4 abazuze amabaso.

4Kwalandela esase Klofeni abantwana ba 2 abazuze amabaso.

Esi sase Klofeni sisaqalwa, abantwana basese zantsi. Zite ezontsatshana zatsho kamnandi kakulu kwizifundo zokufi- hlelwa. Ingoma ezivunywe lusapo zibe mnandi kakulu. Singati imfundo ibonakala ihambiselo pambili nonyaka kwizikolo zase Macfarlan kuno June we 1886.

## IMPENDULO NGO NONGQAUSE.

MNUMZETU:— Ndivana nobubi ukuziva ndingakulingene ukuyingena ngokufezekileyo lengxoxo ingakanana ; sendo- futnane ndenze kambe kuba ndazingenisayo. Akwaba be- ndisele nalo nexakato lomfi owayihlabelayo lengxoxo. Neli- gatna sipiwa lona ngu Tol'-Ixalanga, belingelimfanele yena kuba amabali amanyange abe kuye onke, mna ndiyalima- ngala ngokungandifaneli. Waya ngapina oka Kobe obe sakuba kwa Hleke pantsi kwamahlati, enye indodana ena- mabali ? Makake avele naye noburelerele angavela nabo, ziko nengwevu ezinengqondo kulomandla akuwo, mabuzi- ee kuzo. Kokwam ukuqonda abona bantu sinokulufumana kubo ukozo lwento ngabaxelayo, sosiva kubo isizatu soku- zihlaba kwabo inkomo. Amagogotya osilahlekisa kuba ayakungena kulomgaqo womfo wasem' Lungwini wokuzi- ndla, ngenxa enokuba bona bengakolelwanga kuyo lento.

Imibuzo ka Tol'-Ixalanga isixenxe, anditsho ukuti ndoba nokuyifinca ngokuyipendula kwam.

1 U Tol'-Ixalanga ute ebuza waye ebuya ezipendula kwalandelayo amazwi, ngoko andisayi kuba saxamleka. Yiyo nalendawo ke ndafuna ukuti emxelweni warn noko ayenzayo lemibuzo lomfo uyandivumela Uti—" ukuba bekunga singiselwe mfazweni, ibi yeya ntoniha ke lento ka Nongqause?" Azipendule ngalandelayo amazwi xa ati " ndiyavuma into eninzi yabantu ibikoliwe..................................................i-**ngenalo** nesuntswana lemfazwe entliziyweni." Kupela ke mnumzetu, kwakungekona **kuninzi** lodwa, kwakunjalo kubo bonke abaxelayo. Xa ufaka u-Nxele no Mlanjeni, ungene ekuzindleni lento ndiyimangele kwase ntloko, ublanganisa izinto ezingazaniyo; uti " u-Nongqause naye *ukwangati* ebelandela, etc." Mus'ukufanekisa. Akazange yena azala- manise namagogo, nguwe lowo umenjenjalo, ungene enqwi- ni yokulahlekisa ke. Umbuzo womfo ka Gqoba uti—Kuko mfazwe yaka yenzelwa amacebo yinkazana na apa. kwa Xosa. angalanyaniswa np Debora kwa Sirayeli, no Joan of Arc kuma gwangqa ? Yahlukana nokuzindla. Ukusikwa kwe mvaba, nokumbiwa kwezisele, bekuxela mhlope ukuba aba bantu bazilungiselele ukuma,—akuko zintsabo.

2 Lendawo yengqondo yezi nkosi ubala zona yeyona yabangela ukuba zizikise ukuyisebenzisa, yakuwiswa le- nteto ; akuko buxoki benzakalisa njengobo busakuti bube nentsobi yenyaniso. Indawo yokungafi komntu yahlala ilaula enkolweni yamawetu kwase bunyameni. Xa afihlwayo umntu,—izihlobo zake bezisiza namatye ngazinye zibeke pezu kwencwaba ziti " uze usikangele nguwena uya enya- ngweni." Kwakona xa kubingelelwa idini, kutiwe, " ama- kayaayacela"—kutetwake abafayo. Kuti kanjaloxa isiku- hlane sikulileyo, kufike kubekiswe kwabangasekoyo, ukuba ngamana bakangele. Xa ke intombazana iteta ngovuko icukumisa kwinto abayaziyo ukuba amanyange ahleli. Kanene u Sandile lo umahlula ngantoni ko Hili, no Mbala no Maqoma, kuba kambe yena ngaye uti way'engenalo nesuntswana le mfazwe entliziyweni ize ibe zezi zintatu ozirorelayo? Umteto upume kwa Hili yakuba intetoye- ntombazana yamkelwe, wahanjiswa ko Sandile inja yako- mkulu, ote ke yena kuba ninawe bake abo " Xelani bantwa- na bakowetu, ziyahlatywa inkomo ebetwe," kwa Rili ke.

3 Lento yokuxela yaye iyeyoblanga lwama Xosa lodwa, kwa njengokuba nokuvuka kwakulindeleke umzi wakwa Xosa, owawu wiselwe umteto, ezintlanga zazingapandle kwayo yonke into eyenziwayo, zimanywa namagogotya ngencitakalo eyakuvela ukuvuka komzi kunge ngazikali kodwa, kuba kwakungeko mfazwe ijongiweyo, babe linde- Iwe ukuba bawukwelele umzi abo bagogotyileyo.

4 Amahashe lawo, uteta wona, uteta nge nqambi into ebingazange yazalelwe nadini, ayizange ihlatywe nanga- mkonto. Unantonina ungabuzi ibokwe ke gxebe ? Nayo andiyazelele kubingelelwa ? Ihashe liyinqambi mus'ukusi- tetela ngalo.

5 ne 6 Ama Russia lawo undixelela wona ngala ufunda ngawo kwezincwadi zinilahlekisileyo, asibantu baziwayo kwa-Xosa, nomatilose abo. U " Sifuba-Sibanzi " andimazi ukuba umhlanganisa ngokutinina nama Russia, wenza kwa lanto yokwalamanisa izinto ezingazaniyo. U Sifuba-Sibanzi tina kwa-Xosa wazelelwa nto yimbi engeyiyo leyo yama Russia uteta yona wena uyifumana kwezo ncwadi ziyuwazindla. Ndoke ndenjenjalo ndikuti tya ngo Sifuba- Sibanzi hlezibe kanti andikuvisisanga.

7 Leyo yokugqogqwa kwe venkile, oka Gqoba ube yigqi- bile, okuya ate, imikosana ebihlatywa kule milanjana yonke, ibimininzi ngenxa yamatutu amatamba emasimini, nase zintlanti, koko ku'renywa kwabo ngamapango akubangako nakuhlonela venkile namhambi. Kuhle ngokukauleza ukumema o-Xego-Dala, ezabo ingxelo ndiyatemba ukuba zizo ezo ulese zona ngalomibuzo uyibekisa kutn. Nantsi into eyakwahlula, abalesi be *Sigidimi,* banabile makati onomntu omvayo kwisitili akuso osekoyo kwaba babeye kwa Mhlakaza, nokuba yinzala yabo ake abuzise atumele kuwe Mgcogeli, ke sive ingxelo ezona zizizo, base bonke abasekoyo. Sabela ke wena ukwa Tato, nawe ukwa Ndu- ngwane, nakwa Gcaleka, njalo njalo. Mna ndimele lomzi wakowetu wakwa Ndlambe, sendoyikangela kwelicala lo- ndawo, kuba kambe iseko nalo ngwevu tina apa eyayiku- tshwe kwa Ndlambe, ingu Nowawe, ndokwela ndiye kufika namadinala engekadliwa.

Sendiwile, mnumzetu, wondixolela sendiqukumbela ngoku, olutyundyuto andiyi kulupinda. Enye yezinto um- Xosa amncame ngayo um-Lungu, emfazweni, yile yoku- hlala nokudla apo akona, akazange akuswele, lifikile ixesha lokudla sekuwiwa kuzo, umfo odlayo akanakumelana nonga-dliyo. Xa kulapo ke make senze umbuzo. Ube ngayenzayo na ke um-Xosa indawo yokuti eyona nto ayiqondileyo ukuba yexasa utshaba Iwake, ayibubise kwelake icala ancedise impi ke ngokwenjenjalo? Ukuteta kwenu maku- ngabi kubini kaloku. Kute ukufa kwalo ngale ka Ncayecibi, kwakubonwa amahasa Amangqika, kwatiwa kukade iyilwa lemfazwe ngalamadoda, kutshiwo ngokubonwa lamahasa ke. Kaublanganise ezonteto mbini, wena mntu ukwaziyo ukwalamanisa izinto ezingahlanganiyo, kuba usalamanisa u-Mlanjeni no-Nongqause. Nditi hlanganisa ukucitwa kokudla okuseziseleni kuyilwa imfazwe ngo Nongqause, nokuputsbunyiswa kwezisele kuyilwa kwa imfazwe ngo Ncayecibi. Apo ilahleko iqala kona kusekubeni abantu bazamela ukupengulula apo kungeko nto yendeleyo. Lento ilahlekise izilumko ezilinani, malunga nentyilo yezibalo (commentators) yiyo le ke kanye, zisu-ke zilishiye ilizwi licacile lesibalo, ziti ngokuba kuzo lingangeni ngolohlobo, malibe alinjalo, pofu kungeko nto ifihliseleyo ezibalweni apo. Ise kwaleliya lidala, " Zingatinina ezi zinto ukuba nokubako?" Ngangokuba bona beyibonele ubudenge lonto, nabanye makube kunjalo kubo.

Lomzi wakowetu uyazeka nge Ratshi lobuhlanga, yinto ke leyo eke yawulaula. Enye yezinto ababe ratsba ngayo yimihlambi yabo yenkomo. Nanku zite zakungabiko langa liyeta elo ratshi; hi! kanti eli ratshi belisisitintelo ekwa- mkelekeni kwe lizwi ? Nditi inkomo bezinqulwa ngum-Xosa; xa kunjalo ke ib'ngebi ngummangaliso na ukuba Umlauli-Nto-Zonke ayibangise lonto aratsha ngayo, ampa- nge eso sitixwana sake ? Sisandla so-Mhlekazi esifihlake- leyo esize kulamla. Isibalo esingcwele sona asifihliseli, sisibonisa indawo yokuba, bati xa abantu bazinikeleyo ekubeni bakohliseke, u-Tixo ubayekele kulondlela yabo, kubonakale ngoku kaloku selingabo abazisebenzela **intsha- balalo**. " Ngenxa yoko u Tixo uyakubatumela ukusebenza kolahlekiso, ukuze bakolwe buxoki "—2 **Teselonika** ii. 11. Esi siqendwana sisigqibile isizatu sika Nongqause. Uku- tsho ke olwam uluvo lolokuba kwaye kugecelwa i-Vangeli indlela ngu-Mhlekazi. " Zonke intaba nenduli ziyakuto- tywa." Intaba zamaratshi ke ezo nokuzingca.

Ndisasitela, Mnumzetu. Ndingowako.

WM. PHILIP.

Gwaba, 11 June, 1888.

P.S. U-Nkwintsha obe kankanywe kwi **Sigidimi** sika March, xa kutetwa ngo Nonkosi ubeke ekankanywa nga kwa Qaka paya, abameli balommandla make babuzise naku- ye **singafumana** into enkulu kuye.

KUVAKALA. ukuba kuko isipitipiti e Mgqakwebe kwa Mdingi, pakati ko Mfuudisi wayo ne Remente. Azi ibiya- wa yintonina betu ?